**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesibini)**

**IXESHA: 3 iiyure**

**AMANQAKU: 100**

---

**IMIYALELO**

- Eli phepha linamacandelo amathathu A, B no C.
- KwiCandelo A umbuzo 1 UNYANZELEKILE ukuba uphendulwe nguwonke-wonke.
- Kwakulo iCandelo A umbuzo 2, phendula imibuzwana ibe MIBINI kuphela.
- KwiCandelo B mibini imibuzo, phendula ube MNYE kuphela.
- KwiCandelo C mibini imibuzo ebuziweyo, umvavanywa uya kuphendula ube MNYE.
- Okokuba ukhethe umbuzo omde kwiCandelo B uza kunyanzeleka ukuba ukhethe omfutshane kwiCandelo C. Okokuba ukhethe omde kwiCandelo C umele kukukhetha omfutshane kwiCandelo B.

---

ICANDELO A

**IMIBONGO**

**UMBUZO 1**

Lo mbuzo UNYANZELEKILE.

Funda lo mbongo ungezantsi ngocoselelo uze uphendule imibuzo eya kulandela.

**IINTLANTSI EMBIZENI**

"Kuyaliwa kwelaba Thwa".
Wayedumzela uMakhulu
Ngaseziko ebusuku.
Wayenemibimbi, emdala.

"Kuyaliwa kwelabaThwa."
Wazingisa eman' ukutsho.
Ubusuku babumnyama;
Kubantwana kwakunkungu.

"Kuyaliwa kwelabaThwa."
Wayejonge embizeni;
Ntlantsi ezimakhulukhulu
Yimikhosi kwelabaThwa.

"Kuyaliwa kwelabaThwa!"
Yiva ingxolo yal' usapho -
"Binza mkhonto, yiwa ndoda!
Kuyaliwa kwelabaThwa."

"Kuyaliwa kwelabaThwa."
Imikhosi iphelile.
Ezo ntlantsi zicimile;
Umakhul' uneenyembezi.

1.1 Ngaba sisibongo somthonyama okanye sisihobe sanamhlanje esi? (1)

1.2 Chonga izixhobo zibe ZIBINI ezisetyenziswe yimbongi nezixhasa impendulo yakho kumbuzo 1. (2)

1.3 Ucinga ukuba kutheni imbongi iphinda-phinde umgca wokuqala kuyo yonke imihlathi? Nika izizathu zibe ZIBINI. (2)

1.4 Chaza intsingiselo yembongi kumgca-8. (2)

1.5 Ngaba ngenene kwakuliwa kwelabaThwa? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula kwalapha kulo mbongo. (3)

**[10]**

## UMBUZO 2

***Aweselwa 3* – W.M. Kwetana**

Kule mibongo mine ilandelayo khetha uphendule ibe MIBINI kuphela.

**Isicatshulwa 1**

2.1 Funda ngocoselelo lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Uphuma kwezo ntaba zaseNcorha -
Kuloo miwew' enkongolo ziingxondorha -
Indaw' esimang' ezaliswe ngamagorha.
Umhlol' onk' amaQwath' anoburharha.
Andiwashiyanga nalaw' aseThorha -
AmaXhos' athand' imbarha.
Kalok' awathandi kusarha.

Andinanteth' inzulu kakhulu -
Konke ndikubhekisa kOphezulu -
Olo sizi lokuthokombisa koMgcawezulu.
Wabethw' idum' elinobunzulu
Elophil' emva kweentsuku ezimakhulu.
Intobeko eluntwini bubusulu -
Kanti uhlahl' indlela yezulu.

Ububeth' ubuyelel' okwezulu laseMthatha,
Ubuhl' unyuka kanye kuloo Mthatha,
Ufungel' isakhiwo seziko lemfundo.
Ubupheth' ithemba kwanokholo,
Mathunyw' avume njengoGabriyeli,
Njengethintith' uMosisi kumaSirayeli -
Asingomnqa ukungavuni komhlwayeli.

2.1.1 Sithini ukulubiza olu hlobo lombongo? (1)

2.1.2 Abantu besi siduko salo mntu ubongwayo apha bazibalula ngantoni kanye? (1)

2.1.3 Kwimihlathi emibini yokuqala, imbongi isebenzise sixhobo sini ukwakha isingqisho? (1)

2.1.4 Chaza intsingiselo yembongi kumgca - 9. (2)

2.1.5 Ngokubhekiselele kulo mbongo, kukuthini ukuthokombisa? (2)

2.1.6 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kumgca - 16? (1)

2.1.7 Imbongi isizobela owuphi umfanekiso-ngqondweni ngokusebenzisa esi safobe? (2)

2.1.8 Imvano-siqalo ifumaneka kowuphi umhlathi? (1)

2.1.9 Yintoni umsebenzi wemvano-siqalo kumhobe? (1)

2.1.10 Chonga izifaniso zibe ZIBINI ezifumaneka kumhlathi – 3 (2)

2.1.11 Zisetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni kanye ezi zifaniso zikumbuzo 2.1.10? (1)
**[15]**

**Isicatshulwa 2**

2.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule umbuzo olandelayo.

**UMVANDEDWA**

Sisifo sin’ esi singalathwayo?
Kalok’ onaso akaziwa mntu.
Umbulali wenen’ ongaziwa mntu
Nguye low’ ungcungcuthekisayo.
Aphel’ umjongil’ ang’ uyasengwa;
Nqwa twatsa nenj’ enomzananda;
Uchizeka vuth’ okomsingizane.

Ukufa kwakhe kusentliziyweni.
Umonakalo wakh’ usemphefumlweni.
Uding’ izazi zokumxolisa,
Kwande iingcinga zokumlilisa,
Owamanz’ umthomb’ ujike waligazi.
Kunzima ukumnceda kub’ akakhalazi.
Isizathw’ asichazwa, nguye yen’ isazi.

Tyhila

Le nt' inzim' ity' umniniyo yedwa.
Iviwa mntu mnye umniniyo yedwa.
Naw' awungeyiv' iimpawu zinqabile.
Wombuz' iingcinga atsho, a' kho nto.
Eyakh' ingxak' isisithukuthezi.
Nakweleenkuni naw' awungeyithezi -
Ngokwenjenjal' uthath' elinenkume.

Hlalutya isakhiwo **sangaphandle** salo mhobe ungasentla, udandalazise zonke izixhobo ezisetyenziswe yimbongi ukuyila lo mbongo wayo. **[15]**

**Isicatshulwa 3**

2.3 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo:

Uhamb' ufathuleka -
Emaweni uyothuleka.
Unzulu ngokolwandle.
Ukhomba kwelezindle
Kukuhle kuphuhlile,
Kukubi kuphuthile.

Ungumdlung' onamakhasi,
Ube ngumbel' otsits' ubisi.
Iph' eyakhw' inyaniso?
Macal' ukwanenkxaso.
Ncutsheni na le yendadi,
Evakala njengesandi?

Uyingxaki njengolwandle,
Awunabubi bungaphandle,
Obakh' ububi buqunyiwe.
Inyaniso icuthiwe.
Unamaxhob' abalwayo
Kwezo ngcinga zicetywayo.

Uluhlobo lwelulwane,
awuthandi buntandane.
Wakufika wona okuhle,
Wozichaz' ungancinwanga.
Utyekez' ezo zimanga.
Zibonakale nakwilanga.

2.3.1 Nika intsingiselo yembongi kumgca - 19. (2)

2.3.2 Bonisa ubunyaniso bentetho ethi 'intliziyo inzulu ngokolwandle'. (2)

2.3.3 Xela izixhobo zibe ZIBINI ezisetyenziswe yimbongi nezakha isingqisho kulo mbongo. (2)

2.3.4 Chonga imigca ibe MIBINI esifumana kuyo uchasaniso kumhlathi - 1. (2)

2.3.5 Imibuzo - buciko ifumaneka kweyiphi imigca? (2)

2.3.6 Yintoni umsebenzi wombuzo-buciko kumbongo? Nika ube MNYE. (1)

2.3.7 Uchasaniso olufumaneka kwimigca - 7 nowe 8 lusetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni kanye? (2)

2.3.8 Sithini isihloko salo mhobe? (1)

2.3.9 Ngokubhekiselele kulo mbongo, yintoni amaxhoba? (Umgca – 7) (1)
**[15]**

**Isicatshulwa 4**

2.4 Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo eya kuwulandela.

**UNKOSI S. MKRAZULI, A! MKRAZULI!**

A! Mkrazuli!
Le nkosi yeyaseXhibeni,
Ngunyana kaNqwiliso emaTshaweni,
Ngumzukulwana kaMlawu noRharhabe,
Ixhiba lendlu kaTyhali-Ngqika.
UTyhali-Ngqika ngowemiNgcangatelo.
Lithole lesirhorho uNkos' uMkrazuli.
Uzalwa ziintomb' ezirhwexu zakwaPhalo.
Ziko lakwaKaka ndinoloyiko ndiyatyhwatyhwa -
Ngathi la maTshawe akwaKaka aya kuvela nempuhle,
Mhla ngamin' ingqongqo yatsho kalusizi
Ibiz' iindlamafa zomz' omkhulu kwaRharhabe.
Ndith' aya kunyathelana ngoobhonts' amadoda,
Loo mini baya kuxokozel' abaseTyhini -
Baxokozele kalusizi bexel' izikhukukazi.
Zib' izizwe zikhamiselene zifun' ukuqwengana -
Kub' umlamb' iXesi unengxangxasi;
UMlamb' iTyum' uyaqhayisa ngeziziba.
A! Mkrazuli!

2.4.1 Ngaba ngumhobe lo okanye sisibongo somthonyama? Xhasa impendulo yakho ngokucaphula izixhobo ezibini kwisakhiwo salo mbongo. 1x3=(3)

2.4.2 Nika izafobe eZIBINI ezisetyenziswe kumgca - 7. (2)

2.4.3 Chonga umgca obonisa ukuba le nkosi ngunyana kaNkosi uMkrazuli. (1)

2.4.4 Zintoni ezifumaneka kwimilambo emibini nekhankanyiweyo apha? (2)

2.4.5 Imbongi isizobela wuphi umfanekeso-ngqondweni ngokusebenzisa ezi zinto zifumaneka kule milambo MIBINI 1x2=(2)

2.4.6 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kumgca - 15? (1)

2.4.7 Xela izixhobo eZIBINI ezisetyenziswe yimbongi kumgca - 16 nezakha isingqisho. (2)

2.4.8 Sithini isiduko sale nkosi ibongwayo? (1)

2.4.9 Sithini ukulubiza uhlobo lophinda-phindo olufumaneka kwimigca 14 nowe 15? (1)
**[15]**

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

ICANDELO B

Khetha uphendule umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

**QAPHELA**: Okokuba ngaba uza kukhetha umbuzo **omde** kweli Candelo, uya kunyanzeleka ukhethe **omfutshane** kwiCandelo C.

**UMBUZO 3**
**UMDLALO WEQONGA**

***Inzonzobila* – B.B. Mkonto**

3.1 3.1.1 Khawuzobe isimo sentlalo esifumaneka kulo mdlalo wento kaMkonto. (10)

3.1.2 Bonisa ukuba itayitile yale ncwadi ithungelana njani nomxholo wayo. (20)
**[30]**

**OKANYE**

3.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi ukuze uphendule imibuzo eya kulandela emva kwesicatshulwa ngasinye.

**Isicatshulwa 1**

*Mthobeli:* Mphathi wamapolisa, kuthe phambi kwentsimbi yesihlanu kwangena uThembela phaya evenkileni enxile eludaka. Usibhudele ngokuthi yena uza kunikwa laa venkile ngumalume, loo nto uyive ngoyise obetyelele kwamalume izolo. Lifikile ithuba lokuba sivale, wala ukuphuma, wena wakha wayibona ingada ivalelwe zizinja esixhotyeni. Simvalele apho phakathi ke sahamba kuba kakade ubekhe alale ngaphakathi xa evukwe ziingqondo zakhe.

3.2.1 Ngubani igama lalo mphathi wamapolisa kuthethwa naye apha? (1)

3.2.2 UThembela lo ngunyana kabani? (1)

3.2.3 Umalume lo ngubani yena igama lakhe? (1)

3.2.4 Isingathi esi sithethi asivumelani noThembela xa esithi uve ngoyise ukuba uza kunikwa le venkile? Zathuza. (2)

3.2.5 Kutheni ngoku olu daba lukaThembela luxoxwa namapolisa nje? (2)

3.2.6 Ngoobani abantu ababini ababexhwithana ngale venkile? (2)

3.2.7 Xela iziganeko eziBINI ezenzekayo phambi kokuba kuqhubeke le ngxoxo phakathi kwesi sibini. (2)

**Isicatshulwa 2**

"Phambi kokuba undixelele ngenja endizalayo mhlekazi, kuba ndiyabona kuba ndilithole lakwanja, ndikhe ndakuva ukhankanya umama ophephethekileyo, ngqiniseko ni onayo ngalo mbandela?"
"Musa ukungxama mfo wam, intlwa ayibanjwa ngentloko isavela. Uyihlo yindoda yamadoda kweli Kapa. Yanyanzeleka ukuba <u>inkwilize</u> ithuba, ngoku ifanelekile ukuba ivele. Ilifa lezinto zayo alinakuxhatshazwa ngama-krexe omkayo yakufa. Igazi lamawayo liyathetha. OoDlomo bayakhala ngawe nyana wam. Ndinguyihlo ndikuzele."

3.2.8 Nika amagama abantu ababini abathetha apha. (2)

3.2.9 Ngubani lo mntu kuthiwa yinja? (1)

3.2.10 Sizathu sini esikhokelela ukuba abizwe ngenja? (2)

3.2.11 Lo mama kuthiwa uphephethekile uye kutshona kweyiphi inkalo? (2)

3.2.12 Cacisa isizathu esibangela ukuba kuthiwe uyise walo mfana 'yindoda yamadoda.' (3)

3.2.13 Chaza intsingiselo yegama elinomgca ngaphantsi. (2)

3.2.14 Chonga iqhalo elisetyenzisiweyo kwesi sicatshulwa. (1)

3.2.15 Esi sibini sithetha apha kuvakala ngathi asinabudlelwana ncam. Khawutyebise. (3)

3.2.16 Yithi gqaba-gqaba ngeziganeko ezalandela emva kwale ngxoxo yesi sibini. (3)

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

ICANDELO C

Nakulo eli candelo umvavanywa kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo ube mnye.

**QAPHELA:** Okokuba ngaba ukhethe umbuzo **omfutshane** kwiCandelo B, UNYANZELEKILE ukuba ukhethe **omde** kwiCandelo C.

**UMBUZO 4**
**INOVELI**

***Etshatile Engatshatanga* – S.C. Satyo**

4.1 4.1.1 Kweso sithuba kuthe gqi inyoka isiya ngakuSimeli engayiboni yena elibele kukujonga le ntombazana emehlweni nayo imthe ntshoo incumile wanga noSimeli udengile okwesele lijongwe yinyoka: Kubekho lizwi lithi: “Lumkela inyoka.’ Uthe ukuthaka oku kuloo ndawo wahlekwa nguYoliswa esithi, “kanti uyoyika olu hlobo inyoka? Iya kuze ingene apha etasini ulele ngenye imini, uthini njengokuba uthanda ukupokothela okwetitshala yonke nje?” Ilizwi elo libe libalumkisa lona lihambe laya kutshona lisithi, “Oonyana bethu baza kuphela ziinyoka ezi belibele kukukhumsha nokurhumsha namantombazana abangawaziyo.”

Lo ngumqondiso othile ofumaneka kule Noveli kaSatyo. Ngqiyama ke kuwo ubonise ukuwuxhasa okanye ukuwuchasa ngokubhekiselele kuthando phakathi koYoliswa noSimeli. **[20]**

4.1.2 “USimeli yindoda emadodeni. Kaloku ngesiNtu indoda kumele ikhe ihletywe, ingasoloko ithiwe nqo ngempumlo ngumfazi.” Xhasa okanye uchase olu luvo ngokuthi usityhilele imbilini yakho malunga nesenzo sikaSimeli sokukrexeza. (10)
**[30]**

**OKANYE**

4.2 Funda ezi zicatshulwa zingezantsi wandule ukuphendula imibuzo eya kuthi ilandele emva kwesicatshulwa ngasinye.

**Isicatshulwa A**

> "Makazi, isuka ibe ngathi nobhuti Tshobiso lowo noba nidlala ngexesha lakhe ngenxa yootoki bedibene ngobutoki phu! Kuthi mandife fi..."
>
> "Kaloku, mntanam, uzele, umzalele laa mfana. Asingekhe silawulwe yimisindo simyeke nobo butoki bakhe. Makacinge nangabantwana aba bakhe...! Uyandiva?"
>
> 'Makazi, amandla ndinawo. Mhlawumbi ubeba ndixhomekeke gqitha kuye. Nam ndinamandla. Nam aba bantwana ngabam <u>ndingabathwala</u>..."

4.2.1 Xela amagama abantu ababini abathetha apha. (2)

4.2.2 Iqhubeka phi le ngxoxo yabo? (1)

4.2.3 UTshobiso lo uzalana njani nesithethi sokuqala? (1)

4.2.4 Ukanti uzalana njani nesithethi sesibini? (1)

4.2.5 Ngoobani aba Toki kuthethwa ngabo apha? (2)

4.2.6 Betha nje koozelekazi ngobu butoki babo. (4)

4.2.7 Chaza indima yomlinganiswa ngamnye kweli bali:
(a) USimeli
(b) uYoliswa
(c) uNondotsololo 1x3=(3)

4.2.8 Ngokwesi sicatshulwa kukuthini ukulawulwa ngumsindo? (2)

4.2.9 Bangaphi aba batwana kuthethwa ngabo apha? (1)

4.2.10 Ngaba uTshobiso wakwazi ukuyisombulula le ngxaki? Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.11 Ngokubhekiselele kwesi sicatshulwa, chaza intsingiselo yegama elinomgca ngaphantsi. (2)

**Isicatshulwa B**

| |
|---|
| "Masime ngokugrwangxulana ngolu hlobo. <u>Uthi kwakusala ntoni kum apha xa nawe undipheka undophula</u> <u>ngum</u> ...? Kwakusala ntoni?"<br>Ibuye incume intokazi yasemathileni. Incume olwasemyezweni omakriwa. Isondele kuye imthi khu khu ngapha nangapha; ihambise imilebe yayo kweyakhe ithethe.<br>"Andizincedi. Ndiyazi ukuba uyazama. Uyandizamela. Kodwa umona wokuba kufuneka ndabelane ngawe nenye inkazana hayi hayi. Uze ungandilahleli loo nto."<br>Atsho azifake wonke esifubeni salo mfo. Ubuso bakhe bunqabe ithuba elide kweso sifuba sintliziyo-mbini. |

4.2.12 Ngoobani aba bathethayo apha? (2)

4.2.13 Yeyiphi le nkazana ekumonelwa ukwabelana nayo? (1)

4.2.14 Nika intsingiselo yebinzana elinomgca ngaphantsi. (2)

4.2.15 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi isifuba salo mfo sasintliziyo-mbini? (2)

4.2.16 Yeyasemanini le ntokazi itsho ngoncumo lwasemyezweni? (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE 100**

**ISIPHELO**